## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye lwencwadi.)**
2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.
4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.
5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.
7. *Imibuzo esisincoko.*
   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.
8. *Imibuzo emifutshane*.
   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.
9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.
10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI / BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.
11. Iimpendulo zemibuzo emifutshane mazihlolisiswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubeke ngexesha lobekomgangathweni lwesikhokelo sokukorekisha.

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**UMBUZO 1 (ISINCOKO SONCWADI)**

**'A! NGANGOMHLABA' – SEKMqhayi**

Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama– 30 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**Isitanza 1**

- Kusetyenziswe isikhahlelo 'A! Ngangomhlaba' kwakwisihloko, ukubonakalisa ukuba lo mhobe sisibongo. Oku kusetyenziswa kwesikhahlelo kutyhila ukunika intlonipho kule nkosi ibongwayo.
- Kusetyenziswa isixwexwe segama njengophawu lwesibongo kumqolo woku-1, 'NguMangqangq' iManisipalati ukuphuhlisa ukuba imbongi yomthonyama izakhela amagama okanye ibiza naliphi igama, ukuzoba imisebenzi negalelo lale nkosi entlalweni nakuluntu.
- Kukwakho nophindaphindo lwegama kumqolo wesi-4, olukwa lolunye uphawu lwesibongo. Yive xa isithi 'ngambu-ngambu-ngambu' ukwakha isingqi seNtambula. Ngolu phindaphindo imbongi igxininisa isandi sezixhobo ezikhapha ingoma, oko kubonisa ukonwatyelwa kwale mini ngabantu nobukhulu balo msitho wawuzinyaswe yile nkosi.
- Kusetyenziswe kakhulu uhlobo lophindaphindo oluyimfano-zandi. Umzekelo, kukho imfano-zandi ka-z efumaneka kumqolo wesi-7, egxininisa netyhila indlela esenzeke ngayo isenzo sokukhala kwenkomo, ukubonisa ukuvuma komcimbi.
- Imvano-siqalo eluphindaphindo oludala isingqi nesingqisho sisetyenziswe kakhulu njengophawu lwesibongo. Umzekelo, iyafumaneka kumqolo wesi-3 nowesi-4, kumqolo wesi-7 nowesi-8, kumqolo we-11 nowe-12 nakowe-13 nowe-14.
- Isibongo sityebile zizafobe umzekelo: Njengembongi yomthonyama, imbongi izakhele isifanadumo 'Bho-ho-ho' kumqolo wesi-8 ukuzoba nokucacisa ukukhala kwenkomo. Ngokwalapha kulo mbongo oku kubhonga kwenkomo kutyhila/kubonakalisa impumelelo nokuvuma kwecamagu.
- Kumqolo we-9 kusetyenziswe ubaxo 'Lanyikima lonk'elakwaGompo' ukuqaqambisa ukuba abantu bonke kwelaseMonti bavakalelwe.
- Kumqolo we-13 nowe-14, kusetyenziswe uphinda-phindo lwemiqolo, 'A! Ngangomhlaba', kukwaphinda-phindwa isikhahlelo, ukuvala esi sitanza nokunika intlonipho kwinkosi ekubongwa yona.

**Isitanza 2**

- Olunye lweempawu zesibongo kukusetyenziswa kwezixwexwe zamagama. Kumqolo we-16 kusetyenziswe isixwexwe segama esilandelwa sisihlonipho ukudala nokuhlokoza iimvakalelo zabaphulaphuleyo. Yive isithi, 'Kwanuk' irhuluwa nentsimbi' kubhekiswa kwindlela ekwakudutyulwa ngayo ngemipu.
- Isigama esintsonkothileyo siyasetyenziswa kakhulu kwizibongo. Umzekelo, kumqolo we-17 kusetyenziswe igama, 'kwatshixiza' elizoba umfanekiso wedabi elinzima ekubhekiswa kulo kwesi sibongo.

- Kwakhona kusetyenziswe isigama esintsonkothileyo 'kwaqhawuk' imbeleko nemibeleso', imbeleko libhayi elenziwe ngofele lokubeleka usana ze imibeleso ibe yimitya, ukuphuhlisa ukuxabana nokulwa kwabazanayo nabazalanayo, kuphele ubuhlobo.
- Kukwasetyenziswe uphinda-phindo lwegama 'umti' kwakulo mqolo we-17 ukugxininisa ukufana kwezixhobo okudiza ukulingana ngokwezigalo.
- Uphawu lomelo (') lusetyenziswe kakhulu kwesi sibongo kuba lulolunye lweempawu zesibongo somthonyama. Ukusetyenziswa kwalo kudiza isantya sokuphala kwembongi xa ibonga, izimvo ziyampompoza ukuphuma, ngokungathi ayiginyi namathe.
- Uphawu lokhuzo olukwaluphawu lwesibongo lutyhila indlela eziphalaza ngayo izimvo zayo, ziyampompoza de ibe ngathi iyakhuza kanti ikwabethelela oko ibonga ngako.
- Kumqolo we-19 nowama-20 kusetyenziswe uphindaphindo oluxwesileyo njengoko lo mhobe usisibongo. Umzekelo, kumqolo we-19, '...kudiben' izulu nomhlaba, ze kuqalwe kumqolo wama-20 ngegama 'Bedityaniselwa', eliphuhlisa ukuhlangana kwezinto ezikhabanayo nezinamandla.
- Isafobe esingumbuzo-buciko sikwafumaneka kumqolo-20 nowama-21, 'Bebedityaniselwa ntoninan' abangaka?', ukuphuhlisa ukumangaliseka bubuninzi babantu abakweli theko, 'Kusaphuk'imikhonto nje siphina? ukubethelela ingcamango yokuba bekwenzeke impazamo. Kukwasetyenziswe ubaxo oluqaqambisa ungqzulwano olungenamida, lomlo wezizwe.
- Kusetyenziswe isikweko kumqolo wama-23 kuba kuthethwa ngenkwenkwezi xa kubhekiswa kwikumkani entsha. Esi sikweko sisetyenziselwe ukuphuhlisa ukuba inkosi njengenkokeli kulindeleke ukuba ibe kukukhanya esizweni sayo.
- Kumqolo wama-27 kusetyenziswe isihlonipho 'wagcinen' amadun' akowethu' esibhekisa kumathole ohlanga. Igama 'wagcineni' libethelela ukuba iinkosi mazithotyelwe. Igama 'amaduna' lityhila ukuba iinkosi zizo ezizala isizwe nohlanga. Lilonke ziziintloko zohlanga.
- Kumqolo wama-28 imbongi iyawisa, ivala isibongo sayo ngo 'Ncincilili!!'. Njengophawu lwesibongo olusetyenziswa ziimbongi zomthonyama xa ziphetha izibongo zazo.
- Imiqolo ayicwangciswanga njengoko isisibongo kuba imbongi yomthonyama ayicwangcisi, isuka idanduluke ibonge yakuchukumiseka.
- Imbongi ebonga kwesi sibongo uS.E.K.Mqhayi waziwa njengembongi yomthonyama, loo nto ingqina ukuba ngenene esi sisibongo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[10]**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'IIMBONGI' – ZS Qangule**

2.1 Eli gama lizisa intsingiselo yesandi esitsho ngamandla esinxulunyaniswe nendlela iimbongi zomthonyama ezidanduluka ngayo xa zibonga√√/ Lizisa intsingiselo yokukhala kakhulu okuzingileyo okufuna ukuhoywa/ukumanyelwa.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

2.2 Imvano- siphelo isetyenziselwe ukudala isingqisho√√/ undindwano. (2)

2.3 Utyhila isantya nesandi esikhawulezayo ezizithulula ngaso izimvo zazo iimbongi zomthonyama xa zibonga√√/Utyhila isantya sokugxalathelana kwezimvo kwiimbongi zomthonyama√√/Iingcinga ziyathontelana, zilandelelana, zithetha into eninzi ngaxeshanye√√/ Iingcinga zembongi azipheli.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

2.4 Umxholo walo mbongo kukubaluleka kweembongi zomthonyama negalelo lazo ekubumbeni isizwe√√/ Umxholo walo mbongo kukubaluleka kweembongi nemisebenzi yazo√√/Umxholo walo mbongo uveza isiphiwo esinqabileyo esiphiwe iimbongi.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Qaphela: Umviwa makanike impendulo esekwe kumbongo wonke. (2)

2.5 Uyisonethi kuba unemiqolo elishumi eli-14√√/kuba unemiqolo esibhozo yokuqala ibizwa ngokuba yiOkhtevu nemithandathu yokugqibela eyiSestethi√√/Uneekwatreni ezintathu nekhaphulethi.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'INYIBIBA' – JJR Jolobe**

3.1 Eli gama lizisa intsingiselo yendawo efihlakeleyo ekungelula ukufikelela kuyo√√/ Lizisa intsingiselo yendawo ebekungalindelekanga ukuba kungakhula nto kuyo√√/Lizisa intsingiselo yokuba yayiphantsi kokhuselo le ntyatyambo/ntombi.√√ (2)

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

3.2 Imvano- siphelo isetyenziselwe ukudala isingqisho√√/ undindwano.√√ (2)

3.3 Utyhila indlela emile ngayo le ntyatyambo kwanebala layo√√/Utyhila inkangeleko yalo mntu ibonga ngaye√√/Utyhila ukuqaqamba/Ukugqwesa kwale ntyantyambo phakathi kwezinye/Utyhila ukugqwesa nokuzithemba kwale ntombi kubhekiswa kuyo√√/Utyhila ukuba inyibiba ineempawu zobuntu.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

3.4 Umxholo walo mbongo ungenyibiba eyayintle kakhulu kunezinye izityalo√√/Umxholo walo mbongo ungokudlwengulwa komxhelo wembongi kukuqaqamba kobuhle benyibiba√√/Umxholo walo mbongo ungokuvakalelwa kwembongi nokuthabatheka kwayo bubuhle bale ntombi kubhekiswa kuyo kulo mbongo xa yayiqala ukuyibona.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Qaphela: Umviwa makanike impendulo esekwe kumbongo wonke. (2)

3.5 Sithathwe kumbongo-mbaliso kuba imbongi xa ichaza ubuhle benyibiba ibalisa ngomhla wokudlwengulwa komxhelo wayo bubuhle bayo√√/Imbongi ibalisa isebenzisa ixesha elidlulileyo ‘ndayi’ no ‘zaye’ xa ibalisa ichaza ngomhla wokuhlangana kwayo nomntu emthandayo√√/Imbongi ibalisa ngomhla wokudlwengulwa komxhelo wayo yintombi eyaqaqamba phakathi kwezinye.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'UNOZAKUZAKU' – ZS Qangule**

4.1 Eli gama lizisa intsingiselo yomntu onobubele, ofudumeleyo nonothando lwabantu√√/ Lizisa intsingiselo yomntu ophayo ohlala enezinto azipha izintlu ngezintlu zabantu kwikhaya ekwakhiwa ubudlelwane kulo okanye nalo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

4.2 Imvano-siqalo isetyenziselwe ukudala isingqisho√√/ undindwano.√√ (2)

4.3 Utyhila ukuba unozakuzaku wakha ubudlelwane phakathi kwamakhaya endiselanayo√√/Utyhila ukuba unozakuzaku usisithunywa esingumlomo wamakhaya endiselanayo kwimicimbi emalunga nozekelwano.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

4.4 Umxholo walo mbongo kukubaluleka kwendlela yokuziphatha namava anawo umntu ongunozakuzaku√√/Ubuchule nobugcisa bukanozakuzaku ekudibaniseni amakhaya amabini.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Qaphela: Umviwa makanike impendulo esekwe kumbongo wonke. (2)

4.5 Sithathwe kumbongo-nkcazo kuba imbongi isichazela ngeempawu ezibalulekileyo zikanozakuzaku nemisebenzi yakhe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

## ISIHOBE ESINGAFUNDISWANGA (SINYANZELEKILE)

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## 'UMNTWANA WESIKOLO' – T Matoto

5.1 Sizisa intsingiselo yomfaneleko athi abe nawo umntwana wesikolo obangwa sisinxibo esinye abasinxibayo esibatsho bafane√√/Intsingiselo yomntwana obukekayo kuba enxibe isinxibo sesikolo ngendlela eyiyo√√/Intsingiselo yomntwana wesikolo onomfaneleko nokuba uphuma kwikhaya elinjani, nokuba ngowasiphi isini√√/Ubuhle bomntwana wesikolo ngokuziphatha nokuba ukweyiphi imeko, uphuma kwikhaya elinjani, nokuba ngowasiphi isini.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

5.2 Imvano-siqalo isetyenziselwe ukudala isingqisho/undindwano√√. (2)

5.3 Utyhila indlela athi onwabe ngayo umntwana wesikolo ebonakalisa umdla wokunxanelwa imfundo.√√ (2)

5.4 Umxholo walo mbongo ungesimo nezenzo ezilindeleke kumntwana wesikolo√√/Ungokuthandeka komntwana wesikolo olangazelela ulwazi.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Qaphela: Umviwa makanike impendulo esekwe kwisicatshulwa sombongo sisonke. (2)

5.5 Sithathwe kumbongo-nkcazo kuba imbongi isichazela ngomfaneleko, imo nobuhle bomntwana wesikolo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

## INOVELI

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO)

### *INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama–31 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**
**Umfundi ulindeleke ukuba abonakalise isimo sentlalo siphuhlisa umxholo; mawucace umxholo lowo athetha ngawo, umzekelo ubundlobongela abunambuyekezo.**
Isimo sentlalo siquka indawo eliqhubeka kuyo ibali, ixesha ngokwasezimbalini kanti neemeko abantu abaphila phantsi kwazo. Ixesha njengesinye sezixhobo zokwakha isimo sentlalo ebalini, lityhilwa sisinxibo nezinto abalinganiswa abazisebenzisayo, izinto abazixabisileyo nabakholelwa kuzo, iintetha zabo nendlela abenza ngayo izinto.

**Indawo njengesolotya lesimo sentlalo:**

- Ibali liqhubeka eGcuwa, eMthatha naseDutywa, elalini nasedolophini. Kuvela uThantaswa ekuqaleni kwebali okhaya lakhe likwilali yaseDutywa evela eyunivesithi eMthatha. Umiselwa yimoto kaMsindisi okwanguSomashishini waseGcuwa. Kanti ulwazi oluvelayo lelokuba uThantaswa unaye umfana ancuma naye, uMfuneko ongowaseDutywa, anomntwana naye.
- Into yokuba efunda eMthatha uThantaswa engowaseDutywa, imenza ahlangane noMsindisi ohlala eGcuwa, esendleleni eya eDutywa.
- UMsindisi uwa kule ntombi kuba iyimbelukazi kanti yena uThantaswa utsalwa nakukubona umfo ohamba ngemoto ekudidi oluphezulu.
- Elalini yakhe uThantaswa iindaba zokudibana noMsindisi uziphalazela umhlobokazi wakhe uNomathamsanqa, omxelela ngakumbi ngoMsindisi, amkhuthaze ukuba angamyeki.
- Kusedolophini eGcuwa apho uMfuneko acacelwayo ukuba uThantaswa sele ehamba ethandana nomnye umntu kuba embona esiya kungena kwimesidisi kaMsindisi.
- Ukuhlala kukaThantaswa elalini eDutywa abe uMsindisi ehlala edolophini eGcuwa kwenze ukuba kube lula kuThantaswa ukumxokisa ngomntwana wakhe uSindiswa athi ungudade wabo, kuba uMsindisi engazi ngokukhula kukaThantaswa.
- Akuba etshatile uThantaswa noMsindisi uphela esiya kuhlala elokishini eVuli Valley nto leyo yenze ukuba ahlangane noNompumelelo onguSomashishinikazi owazana noMsindisi. Uva ukuba uNompumelelo ngumhlolokazi, kwaye usele namashishini endoda yakhe, de eve nokuba indoda yakhe yahlaselwa zizihange ezangena emzini wakhe ezihlalele.
- UThantaswa uphela naye engumhlobo kaNompumelelo de anqwenele ubomi obumnandi abubona buphilwa nguNompumelelo.

- Ukuhlala elokishini apho kukho iindawo ezinoomatshini bokuthamba kwenze lula ukuba uMfuneko ahlangane noThantaswa de babe bayabuyelana bathandane, aze abe luncedo uMfuneko kwiyelenqe lokubulala uMsindisi.
- Ubomi basedolophini nentlalo yakhona yenza kube lula kuThantaswa ukwenzela uMsindisi iyelenqe lokuhlaselwa zizigwinta azithengileyo xa eqonda ukuba usenokwaliwa nguMsindisi.
- Izikrelemnqa zithi zakuba izinto zikaMsindisi emotweni kube lula ukuzithengisa eshibhini kuba kuxhaphakile elokishini ukuthengiswa kwezinto ezibiweyo.
- Eli bali liqhubeka nakuCentane. Kwakukho amaxesha apho uThantaswa wayengena inkonzo nabazali bakaMsindisi. Umsebenzi wokukhulula kwakhe izila uThantaswa wenzelwa emzini wakhe eNtabezulu. UThantaswa kunye noMsindisi ihoneymoon yabo bayenzela phantsi kweNtabetafile eKapa. Bakhwela inqwelomoya ukusinga eKapa. Batyelela iindawo ezahlukileyo ezizezi; Waterfront, Table Mountain neSea Point.

**Ixesha ngenjesolotya lesimo sentlalo:**

- Ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo zisuka nje ebalini, kuvela ukuba kuyafundwa kuba uThantaswa uhlangana noMsindisi, evela kwiyunivesithi afunda kuyo. Kanti abalinganiswa abadlala indima ephambili bavela bekwizikhundla zokongamela bambi bengoomantyi, nto leyo yayifudula ingenjalo.
- Abantu bangabantu abanezinto zabo, kwaye banemali. UMsindisi unguSomashishini owaziwayo kanti uNompumelelo ongumhlolokazi wongamele amashishini endoda yakhe.
- Abalinganiswa abadlala indima ephambili bebonke bangabahlali basedolophini eGcuwa, oku kudiza ukuguquka kwamaxesha.
- Abantu abatsha abazamkeli izinto ezingamasiko nezithethe zamandulo umzekelo, umcimbi wesithembu nokuba uyinto eyayifudula isenzeka, uThantaswa njengomntwana wala maxesha akasamkeli. Sithi sakunga singanyanzeliswa kudaleke uthanda emtshatweni wakhe noMsindisi. Kwa unina kaThantaswa kuqala umkhuthazela ukuba angavumi.
- Ixabiso nodidi abekwa kulo umntu lilawulwa kukufuma kwepokotho yakhe, nto leyo idizwa zizinto anazo. UNomathamsanqa uyamkhwezela uThantaswa ukuba athandane noMsindisi kuba engusomashishini, ngoko ke unemali. Oku kukhokelela ekubeni uThantaswa alahle uMfuneko onguyise womntwana wakhe, afihle naloo mntwana kuMsindisi.
- Ngenxa yokuba abantu bekholose ngemali, abafazi benza amayelenqe okubulala amadoda abo. UThantaswa uthi akubona uNompumelelo ongumfazi ophumeleleyo oneemali enze iyelenqe lokubulala eyakhe indoda.
- Kangangokuba imali ibonwa njengeyona nto, uMfuneko, uMdlambila bazibandakanya kumayelenqe kuba bejonge ukuzuza imali.
- Kuthengwa abafana abangootsotsi abadla iziyobisi ukuze benze izenzo zobugwinta, nto ezo zixhaphake kakhulu kula maxesha.
- Kulula ukuba kwenziwe amayelenqe okubulala ngenxa yokunyolukela imali kuba abalinganiswa baphila kwixesha apho kulula ukuba umntu abe nompu, kanti loo mayelenqe aqulunqwa kusetyenziswa izixhobo zale mihla eziziselula.
- Kukho izibhedlela ezibubungqina bokuba eli bali liqhubeka kwixesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona, umzekelo uMapheza wayelaliswe kuso ngexesha edliswe ityhefu emngcwabeni ngooMfuneko. Oku kungqina ukuba apho kukho isibhedlela kukho oogqirha, oonesi namayeza esilungu. Isikhululo samapolisa, amapolisa iimantyi, amagqwetha neemoto zingqina ukuba ngenene leli xesha siphila kulo.

- Unxibelelwano luyakhawuleza kuba kusetyenziswa iifowuni, kungoko kwaba lula nakuMfuneko ukwazisa uThantaswa mhla wayeza kundwendwelwa ngamapolisa eze kumncina ngokufa komyeni wakhe.
- Amasela nezigwinta arhwaphiliza iifowuni zodidi, iiwotshi nto ezo zibe zezityhila umkhondo wezigwinta zikaMsindisi.
- UMapheza usinda ekufeni ngokuba abalekiselwe esibhedlele afumane unyango loogqirha bale mihla, libe liyaphanza iyelenqe lokumbulala.
- Utya idliso alithengelwe nguMfuneko, ngexesha le-*After tears* emngcwabeni, nto ezo zivela kula maxesha okhanyo apho kungabonwa nto ityhulu ukusela konwatywe kubhujiwe.
- Izaphuli-mthetho zilulekwa kwiinkundla ezitshila ngomthetho waseNtshona, oko kubonisa ukuba ibali lelalamaxesha.
- UMsindisi, ngenxa yokuba ephila kula maxesha okhanyo ube nakho ukuliqamangela ngokwenza umyolelo *(will)* welifa lakhe akuqonda ukuba inkosikazi yakhe inonyawo lwemfene ayisathembekanga kuye. Uthi sele ebhubhile imbulele inkosikazi yakhe kodwa ilifa lifunyanwe ngunyana wakhe.
- Ngenxa yokuba ilifa lisabiwa ngendlela yakwaMlungu, kubhalwa kutyikitywe, oku kuncede ukuba athi uThantaswa sele ecinga ukuba ufikelele ngoncedo lukaMdlambila kwilifa likaMsindisi, suka achanwe ngumthetho okuloo maxwebhu aziziqhamo zokungena kwempucuko yaseNtshona ngokuthi abanjiswe kukubhala umhla wokutyikitya odiza ukuba elo xwebhu lelifa lenziwe nguMdlambila kutsha ngobuqhetseba.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

7.1 UNompumelelo wamcebisa uThantaswa ngokufuna umntu wophicotho lweencwadi zeshishini√√/Wamlumkisa ngoBhodla owayezimisele ukuyitya imali kaMsindisi kuba esazi ukuba akazi nto ngeshishini uThantaswa√√/ Wamthembisa ngokumenzela *iBusiness plan*√√/ Wamcebisa ngokutshintsha ubunini bezinto zikaMsindisi.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.2 Ungumlinganiswa oyintloko√ kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena√√/ Nguye oliqhubekisela phambili ibali√√/Iziganeko zebali zisungulwa nguye√√/ Ifuthe lakhe liyavakala nokuba yena akakho√√/Ibali liqala ze liphele ngaye√√/ Ungumlinganiswa osicaba√ kuba uyithande imali wade waya kungena engcwabeni.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

7.3 Isetyenziswe ngeenjongo zokutyhila okuza kwehla ebalini kuba uThantaswa uza kwenza iyelenqe lokubulala uMsindisi√√ / Isetyenziswe ngeenjongo zokubonakalisa imvelaphi yeengcinga zikaThantaswa zokubulalisa umyeni wakhe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.4 Sisiganeko sokuphuncuka kwesisu sikaThantaswa.√√ (2)

7.5 Uthengwe ligqwetha likaNompumelelo ukuba alahle umkhondo wetyala kusinde uNompumelelo owenze iyelenqe lokuba kubulawe uChizama.√√ (2)

7.6 Wadlisa uMapheza ityhefu√√/ Umbile esibhedlele wamsa kuSiphongo ngeenjongo zokumbulala ngovutha√√/ UNqoza ebegade inyathelo ngalinye likaMapheza ukuze angafumani nabunye ubungqina obuya kumveza njengenjinga ekuphandeni kumsebenzi wakhe√√/ Umoyikisile emchazela ukuba isibhedlele asizukwazi ukuimkhupha idliso. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.7 Ngumxholwana wokungathembeki kwamapolisa emsebenzini wawo√ kuba uMfuneko uphazamisana nengalo yomthetho ngenxa yokunyolukela imali elipolisa√√/Ngumxholwana wothando loodyakalashe abankone√ kuba uMfuneko wayejonge inzuzo kubutyebi bukaMsindisi.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

7.8 Kukuba konke okuqhubeka kule noveli neengcinga zabalinganiswa ziviwa ngaye√√/ Kusetyenziswe ingxelo-ntetho ecacisa ukuba nguye obalisayo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.9 Avuselela ingcinga yokuba uThantaswa ayinguye kwaphela obulele umyeni wakhe.√√/Avuselela ingcinga yokuba uThantaswa unolwazi ngababulali bomyeni wakhe kuba uthi uyabazi√√ / Avuselela ingcinga yokuba yena Thantaswa uyabandakanyeka kuba uyaphulukwa ubazelaphi?

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.10 UThantaswa wathenga ootsotsi ukuba badubule babulale uMsindisi kanti naye uza kufa ngokuzidubula.√√ (2)

7.11 Ububi bukhokelela kwintshabalalo√ kuba uThantaswa noMfuneko baphelele ekufeni ngenxa yezenzo zabo ezikhohlakeleyo√√/Akukho nto ifihlakala kude kuphele√ kuba nakuba uThantaswa noMfuneko bebezama ukulahla umkhondo ekugqibeleni baye bavela ukuba banenxaxheba ekufeni kukaMsindisi√√/Ukunyoluka okungaphaya kuyingozi√ uThantaswa uphele ezibulala kuba ebaleka ukugwetyelwa ityala lokubulala uMsindisi kuba efuna ilifa√√/UMfuneko waphelelwa ngumsebenzi ngenxa yokuzibandakanya kwiyelenqe lokubulawa kukaMsindisi kuba encwase inzuzo√√/UMdlambila uzifake kwiyelenqe lelifa likaMsindisi kuba efuna ukuzuza imali√√/Iimfihlo ngunozala wobubi kuba uThantaswa ekhohlakala nje kukuba ubonile ukuba zinkulu izinto azifihlelwa ngumyeni wakhe√√/ Ingcibi yamanzi ifa ngamanzi kuba uThantaswa wathenga ootsotsi ukuba badubule babulale uMsindisi kanti naye uza kufa ngokuzidubula.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

**[25]**

## UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama – 31 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**
**Umfundi ulindeleke ukuba abonakalise isimo sentlalo siphuhlisa umxholo; mawucace umxholo lowo athetha ngawo, umzekelo, umzingisi akanashwa.**

Isimo sentlalo siquka indawo eliqhubeka kuyo ibali, ixesha ngokwasezimbalini kanti neemeko abantu abaphila phantsi kwazo. Ixesha njengesinye sezixhobo zokwakha isimo sentlalo ebalini, lityhilwa sisinxibo nezinto abalinganiswa abazisebenzisayo, izinto abazixabisileyo nabakholelwa kuzo, iintetha zabo nendlela abenza ngayo izinto.

**Indawo njengesolotya lesimo sentlalo:**

- Ibali liqala edolophini eGcuwa, liqhubeke eBhayi, eKnysna eNxukhwebe, eDikeni, eUCT, eNgilane naseRhawutini.
- UThole uhlangana noSonwabo noThemba abahlobo bakhe edolophini eGcuwa, emke nabo de othuke sele eseBhayi.
- Akuba seBhayi ulahlekana nabahlobo bakhe, acinge indlela yokuphila ngokuzifunela umsebenzi. Uhlangana noNomsa endleleni azibike kuye, abe ufumene intokazi de aye kuloNomsa.
- Ufumana umsebenzi kwaIrvin & Johnson.
- Buyamjikela ubomi baseBhayi xa azibhaqa esinda ekufeni, eza kubulawa nguJoe nezikrelemqa ezizihlobo zakhe kuba ekhweletela uNomsa.
- Esi siganeko simqhubela ekuthabatheni isigqibo sokugoduka futhi engafuni kwa ukuphinda ahlangane nooThemba.
- Endleleni egodukayo, ubhaqwa ngooThemba edolophini bambizele kwimoto ethe kanti iya eKnysna. Endleleni eya khona, emahlathini ooThemba baqwengwa ziingonyana asinde uThole.
- Ukusinda kwakhe esesithubeni kwindawo angayaziyo kumenza abhadule de ayokufika eKnysna, apho azama amacebo okuphila.
- Uzenza igqirha abantu bamkholelwe de angene kubomi bokufuya, abe nemali.
- Kuthi kunjalo akhathazwe ngamaphupha amenza athathe isigqibo sokuba agoduke.
- Akugoduka ubuyela esikolweni eNxukhwebe apho azibalula njengomfundi okrelekrele nonobunkokeli. Ugqwesa kwiingxoxo-mpikiswano abe yindumasi, ahambe de aye kuma phesheya kweelwandle eNgilane.
- Kwakho esesikolweni apho wamkela ubizo angenele ubufundisi.
- ERhawutini ibali liqhubeka kwisikhululo seenqwelo-ntaka naseAlbert Street apho wamkelwa khona uThole xa ebuya eNgilane.
- Kweli khondo uvela njengomfundisi owuthandayo umsebenzi wakhe noligorha xa evuma ukuya kusebenza eGeorge Goch xa sonke isifundisi sisala ngenxa yentlalo yakhona nendlela embi abaziphethe ngayo abantu bakhona.
- Ufika abe ngumfundisi ogqwesileyo ekuguquleni abantu, owenza iimvuselelo de adume nasezinkomponi kooGermiston naseCity Deep kwaMangqukela apho akhoyo uMkwayi.

- Kulapho eGeorge Goch, apho uMkwayi aphele esiya khona efuna ukubona umfundisi onconywa ngabantu abaninzi, kanti yindlela aza kudibana ngayo nonyana wakhe uThole ekukudala balahlekana.

**Ixesha njengesolotya lesimo sentlalo:**

- Ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo ngexesha sele kungenelele inkcubeko yaseNtshona eze nemfundo kunye nenkolo yobuKrestu kumzi kaNtu.
- Imfundo ixatyisiwe kuba abantwana bakhuthazelwa ukuya esikolweni. UMangaliso xa sele engumfundisi utyelela esikolweni, afikele kutitshala uZolile owayemfundisa, ekhuthaza ukuba abantwana bafundiswe ngokubaluleka kwethemba ebomini.
- Kuselwa utywala besilungu nangabantu abatsha kuba ooSonwabo nooThemba mhla bahamba noThole besuka eGcuwa besiya eBhayi, bahamba bezintyintya ngotywala.
- Kusetyenziswa izithuthi zikawonke-wonke, kuba bahamba ngeeteksi; umzekelo uThole nabahlobo bakhe basebenzisa iteksi xa babesiya eKnysna. Kwakhona
- uThole wasebenzisa inqanawe nenqwelo-ntaka kuhambo lwakhe lokuya nokubuya phesheya kweelwandle.
- Ngala maxesha siphila kuwo kukho amaqela emigewu, maqela lawo anemipu ezizixhobo zala maxesha; Umzekelo, uBra Joe neqela lakhe, uthi xa alwa noMangaliso akhuphe umkhon' wekati.
- Kulawulwa ngomthetho waseNtshona, umthetho wesilungu, oko kuvela kubukho bamapolisa asisandla sikarhulumente kukhuseleko nogcino-mthetho; umzekelo amapolisa asindisa uThole ekubulaweni nguJoe neqela lakhe.
- Kukho iifektri ezenza iimveliso ezithile, uThole uthi akufika eBhayi aye kuzifunela umsebenzi khona akuba elahlekene nooThemba.
- Imfundo ibalulekile kuba uThole xa sele etshelwe zizicheku uthi akubuyela ekhaya, athathe isigqibo sokubuyela esikolweni.
- Kusesikolweni apho aqaqambe kwimiba yeengxoxo-mpikiswano, de aye kukhuphiswano oluqhutywa kwiiyunivesithi. Uthi akugqwesa ezifundweni aye kufundela ubufundisi eyunivesithi. Uphumelela isidanga se BA, MA nesePhD kwiiyunivesithi ezahlukeneyo.
- Esikolweni kufundisa abefundisi belizwi kuba uMangaliso uqala khona ukukhuthazwa kubizo lwakhe lobufundisi
- Xa ebuya phesheya ufotwa ziintatheli zenze udliwano-ndlebe ngezixhobo zala maxesha aze aphume kumaphephandaba, nto ezo zizezala maxesha okhanyo nemfundo.
- Ubomi bala maxesha buvela nakwisimo sentlalo saseGeorge Goch apho abantu bazonwabisa ngotywala neziyobisi
- UMangaliso ufika abe ngumfundisi ozama ukutshintsha imeko, uduma ngeentshumayelo ezakhayo nokwenza iimvuselelo oko kubonisa ifuthe lenkolo yaseNtshona.
- Ulwimi olusetyenziswayo, ingakumbi kumaziko emfundo, kukho nolwesiNgesi, kanti nendlela yokuphila yabantu ikhomba oko kuba kuyaphangelwa.
- Ipomakazi awalakha ekhayeni lakhe eZazulwana nalo lityhila ixesha langoku.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

## UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NYANA WAM! NYAN WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 UThemba noSonwabo bathatha uThole engayazi ukuba kusingiswe phi, baze bamntyintya ngotywala wazibona eseBhayi.√√ (2)

9.2 UThole ungumlinganiswa oyintloko√ kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena√√/kuba nguye oliqhubekisela phambili ibali√√/kuba iziganeko zebali zisungulwa nguye√√/Ibali liqala ze liphele ngaye.√√/ UThole ungumlinganiswa ongqukuva√ kuba uThole ebengumntwana wazenza iziphoso zobumntwana kodwa ekugqibeleni waphela engumpondozihlanjiwe. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

9.3 Uxhalatyiswa yindlela ababebusela ngayo utywala kolo hambo√√/ Uxhalatyiswa kukuhamba nabahlobo bakhe engaxelanga kokwabo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.4 OoThemba bathathe uThole bamsa eBhayi bakugqiba balahleka bona, wazibhaqa seza kubulawa nguJoe neqela lakhe√√/NgooThemba abamqweqwedisela kwidolophu yaseBhayi apho azibhaqe esinda ekubulaweni yimigulukudu enoJoe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.5 Ukuthabatheka lula kukufaka engxakini√, uThole, uhamba neetshomi engayazi ukuba kuyiwaphi na, uzibona sele eseBhayi ebengenanjongo zokuya apho.√√ (3)

9.6 Ukuphantsa ukubulawa kukaThole nguJoe neqela lakhe.√√ (2)

9.7 IGeorge Goch ibidume ngobundlobongela abantu bakhona bephila intlalo yokuzibhubhisa ngeziyobisi√√/ Abanye abefundisi bebephela belushiya ubizo bangene kwiziyolo zaseGeorge Goch.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.8 Le ngxoxo isetyenziselwe ukutyhila ubugorha bukaMangaliso nokuthanda kwakhe umsebenzi wakhe wobufundisi√√/Ukutyhila ukuba ubufundisi kuMangaliso lubizo√√/ Kukubonisa ukuzalisekisa umnqophiso awenzayo mhla wayeza kubulawa nguJoe neqela lakhe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.9 Kwamnceda ngokuba watsho wahlangana nonyana wakhe uThole ekwakukudala walahlekana naye√√/ Watsho wagoduka wayokuhlala nosapho lwakhe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.10 Kukuba konke okuqhubeka kule noveli neengcinga zabalinganiswa ziviwa ngaye√√/ (2)

9.11 Kuqala kube mnyama xa kuza kukhanya√ kuba ubomi bukaThole ekuqaleni bebukhangeleka bungenakamva liqaqambileyo kodwa ekugqibeleni wayindumasi yomfundisi√√/Kubalulekile ukuthatha izigqibo ezizizo ebomini√ kuba uThole ukubuyela kwakhe esikolweni kumvulele amathuba okuzalisekisa amaphupha akhe nobizo lwakhe√√/Imfundo ayigugelwa√ kuba uThole akakhange atyhafe kuba emdala uye esikolweni wafunda wade waphumelela.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

**[25]**

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama – 31 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**
**Umfundi ulindeleke ukuba abonakalise isimo sentlalo siphuhlisa umxholo; mawucace umxholo lowo athetha ngawo, umzekelo amahlandinyuka omzabalazo.**

Isimo sentlalo siquka indawo eliqhubeka kuyo ibali, ixesha ngokwasezimbalini kanti neemeko abantu abaphila phantsi kwazo. Ixesha njengesinye sezixhobo zokwakha isimo sentlalo ebalini, lityhilwa sisinxibo nezinto abalinganiswa abazisebenzisayo, izinto abazixabisileyo nabakholelwa kuzo, iintetha zabo nendlela abenza ngayo izinto.

**Indawo njengesolotya lesimo sentlalo:**

- Ibali liqala ukuqhubeka kwilokishi yakwaQaka kwidolophu iBholo. Le lokishi inkangeleko yayo, ingumqwebedu odiza ukuba abantu bayo bathwaxwa yintlupheko nendlala. Izindlu zixwebile ingumahluko omkhulu kwidolophu iBholo enamapomakazi ezindlu, eqhelezela yimithi ecaca ukuba ihlala abaMhlophe. Oku kubangelwa yingcinezelo abaphila phantsi kwayo abantu abamnyama phantsi koRhulumente wabaMhlophe.
- Ekhulela kule lokishi uMfazwe uba ngowokuqala kubantwana balapho ukuya kufunda eyunivesithi, nto leyo emenza ahlonitshwe. Uqwela ngokuba afundise kwakuyo kwisikolo iFunda apho avula amehlo abantwana malunga namalungelo abo.
- Ngenxa yokutyatyulwa yintambo yengcinezelo, abahlali bale ndawo bakha imibuthwana yokulwela amalungelo abo apho uMfazwe azibhaqa sele ethe xhwa kuyo. Konke oku kumenza angqzulane nomthetho kuba ubonwa njengonyola umbuso.
- Kubakho izixholo-xholo nodushe phakathi kwamapolisa nabantu, kube kukho nabantu abangoongcothoza abathengisa kwa abanye abantu abamnyama. Oku kuvakala xa uMfazwe ethengwa ngamapolisa efuna angcothoze ukuba ooNdlela nooFriday ziimpimpi.
- Xa uMfazwe aphuma etrongweni, ufika kwaQaka kuludushe phakathi kwamapolisa nabantu belokishi, kuthukisa nabafazi, kungumbhodamo.

- Ngenxa yeziphiphithi kwaQaka, amapolisa abulala abantu ngolunya. Oku kuvela xa uKK ebanjwa de abulawelwe etrongweni, kudutyulwa kubulawe abantwana besikolo. Kwakhona, abantu badutyulwa babulawe ngamapolisa kuba benza umngcelele, beqhankqalazela ukubulawa ngamapolisa kukaKK etrongweni.
- Kwizitishi zonke uMfazwe agqitha kuzo kwindlela eya elubhacweni kuphithizela amapolisa, namajoni, nto leyo ilwenza nzima uhambo lwakhe oluya elubhacweni.
- Akufika eMgazi uMfazwe, ufike kulidabi phakathi kwamajoni kaJoma kunye nabavukeli bakaRhulumente waseBathwa oku kumchaphazele kuba ukrokrelwa ukuba uyimpimpi oko kumenze abethwe de asinde sele eza kudutyulwa.

- Imo-ntlalo eMthontsi ufika ingelula, kodwa enze umahluko ngokuba akhuthaze abantu ukuba bafunde futhi ulutsha olungamakhwenkwe lwaluswe. Budule apho ubunkokeli bakhe.

**Ixesha njengesolotya lesimo sentlalo:**

- Ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo, liqala ngexesha eli loMzantsi Afrika liphantsi koRhulumente wengcinezelo, uRhulumente wabaMhlophe. Phambi kokuba eli lizwe likhululeke kumatyathanga engcinezelo. Kanti ekupheleni liphela ngexesha apho ilizwe loMzantsi Afrika sele likhululekile.
- Abantu abamnyama babekelwa imiqobo ebangela ukuba babe neendawo abangafikeleli kuzo ngenxa yebala labo. Oku kuvela xa uMfazwe ephumelele izifundo zakhe zebanga leshumi emagqabini, abe neenjongo zokufundela ubugqirha kodwa xa acela imali esisipho sokufunda eyunivesithi, axelelwe ukuba uRhulumente ophetheyo ayikho mdleni wakhe into yokufundisa abantu abamnyama kubugqirha. Ngenxa yoko uphela efundela ubutitshala.
- Imfundo ingenile nakwisizwe sikaNtu kuba nakuba ingcinezelo ikho, kuba kuyavakala ukuba nakwaQaka kufundiwe kwaye kuyafundwa kuba uMfazwe ude abe nemfundo enomsila, inguye yedwa obe naloo nyhweba yokufunda abe kwelo nqanaba phakathi kwentlupheko ethwaxa abantu bakwaQaka.
- Akulinganwa ngabantu ngokwasentlalweni oku kudula ngokuba ilokishi yakwaQaka imbonakalo yokuba ngumqwebedu oxwebileyo ibe imelene nedolophu enamapomakazi aqhelezela yimithi, oko kutyhila ukuba ingcinezelo idale umsantsa ngokwepokotho phakathi kwabamhlophe nabamnyama.
- Abamnyama, ngenxa yebala labo banemiqobo ababekelwe yona, njengokungavumeleki ukuba bahambe edolophini ebusuku.
- Abantwana abamnyama bebenikwa imfundo elungiselelwe ukujija iingqondo zabantu abamnyama kuba kwizifundo zembali imbali ibineemposiso nto leyo eyenze ukuba uMfazwe azinike uxanduva lokubafundisa imbali eyiyo, oko kwamfaka engxakini.
- Kungexesha apho abantu abamnyama benza imigudu yokothula idyokhwe elushica yengcinezelo kubo, kuba ikho imibutho evungamayo ekuhlaleni, ethetha upoqo uMfazwe azibhaqa ezibandakanya nayo.
- Unomfutho wolwazi ngezopolitiko awufumene eyunivesithi, nto leyo yamvula amehlo, kungoko abona iluxanduva lwakhe ukufundisa abantwana besikolo ngamalungelo abo.
- Kugqiba izixholoxholo, zigqabhuka ngakumbi kwakubanjwa uMfazwe ngelithi unyola umbuso, anganikwa thuba lakuziphendulela enkundleni, kube ngakumbi kwakubulawa uKK ngamapolisa engcinezelo ebulawelwa entolongweni.
- Abantu bakwenza umngcelele woxolo besiya kwizikhululo zamapolisa bayadutyulwa. Nkqu nabantwana besikolo baba ngamaxhoba okudutyulwa babulawe ngamapolisa kaRhulumente wengcinezelo.

- Abalweli nkululeko batsiba imida baye kuqeqeshwa kumanye amazwe umzekelo,imibutho efana neNtsimb' ebomvu, ikwelaBathwa apho uMfazwe naye aqhweshela
  khona eyokuqeqeshwa njengejoni lokulwela inkululeko. Endleleni apho uhlangana nolunye udodana oluphela lubulawelwa evenini, isithuthi eso ebehamba ngaso sisetyenziswa kwixesha langoku. Ubomi buyakhawuleza kusetyenziswa izithuthi, abamnyama ikakhulu bahamba ngeeteksi, iiveni kanti neetreyini.
- Amapolisa nawo akwatyhila ixesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona umzekelo; axakeke kukutyumza iintloko yonke into ethathwa njengelwa noRhulumente, oku kuvela xa amapolisa asoloko ekho kwiindawo ezinezici zasekuhlaleni, njengasemngcwabeni kaMachule kanti nakwizikhululo zoololiwe, apho abamba kwamntu amrhanelayo. Umzekelo kuloliwe oya eThongo abantu bavuswa ngamapolisa kuloliwe babe bebanjwa bebethwa.Ixesha langoku lingqinwa nalifuthe lezopolitiko, umzekelo iindidi zabantu abamnyama nkqu neenkosi zibandakanyeka kumzabalazo wenkululeko. uMfazwe uzanyelwa nguMfundisi uHlathi indlela yokutsiba imida, aze aye kuxhotyiswa ngunyana kaNkosi uZamlandela alungiselelwe indlela.
- Umkhosi woRhulumente weli loMzantsi Afrika uthumela iinqwelo moya zomkhosi eBathwa ukuba ziyokutshabalalisa imikhosi yokulwela inkululeko, apho kubulawa inkitha yabantu, ooMfazwe basinde cebetshu besebenzisa izixhobo zala maxesha.
- Akunikezela ngenxa yefuthe lomzabalazo uRhulumente wengcinezelo welo Mzantsi Afrika, abe neengxoxo zothethathethwano nemibutho elwela inkululeko, abantu bayabuyela eMzantsi Afrika babe kwizikhundla zolawulo lwelizwe.
- Abo bebencedisa uRhulumente wengcinezelo ekubulaleni abantu abamnyama bayagwetywa kwiinkundla zala maxesha; umzekelo uMfazwe ubuya sele eyijaji eza kuchophela ityala likaFriday.
- Izinto ziyaguquka, abantu bayalingana, imiqobo yengcinezelo ingakumbi ngokwebala iyapheliswa kuba uMfazwe kuMzantsi Afrika omtsha ungummelwane womntu omhlophe unyana kaMeva. Abantwana abamnyama bayakwazi ukuba bafunde kwizikolo ezifunda abamhlophe; umzekelo unyana kaMfazwe ufunda nonyana kaMeva esikolweni esinye.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Weva izingqi nokugingxizwa kocango lomzi kaTat' uGaba.√√ (2)

11.2 Ngumlinganiswa oyintloko√ kuba iziganeko zebali zijikeleze yena√√/kuba uliqhubekisela phambili ibali√√/Ifuthe lakhe liyavakala nokuba yena akakho√√/ Ibali liqala ze liphele ngaye√√/ Ngumlinganiswa ongqukuva√ kuba nangona wabuya ejele kusithiwa uyimpimpi kodwa khange abatshikilele abantu bakubo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

11.3 Isetyenziselwe ukutyhila ukuba uFriday namahlakani akhe ngabo abamfuna efile uMfazwe.√√ (2)

11.4 Amapolisa ayekho nawo ejolise imipu emlilweni engafuni mntu ucimayo ngexesha kusitsha umzi wakulo Mfazwe.√√ (2)

11.5 UMfazwe ubethwa kuba uFriday uye wasasaza ubuxoki bokuba uyimpimpi kubahlali balapho kwaQaka.√√ (2)

11.6 UMfazwe uphume apho wadzulela emangcwabeni.√√ (2)

11.7 Umfundisi uHlathi nguye owacebisa uMfazwe ukuba abhace√√/Umthumele kwaNkosi uZamlandela ukuze abe nolwazi ngendlela aza kuyihamba√√/ UMfundisi uHlathi unike uMfazwe imoto amakaqhawule ngayo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.8 Amapolisa noRhulumente wengcinezelo ezona njongo zawo yayikukubulala uMfazwe kutsho kufe umzabalazo.√√ (2)

11.9 Ngumlinganiswa onguMfazwe kuba siva iimvakalelo neengcinga zakhe kuphela√√/Ngumlinganiswa onguMfazwe kuba siva kuphela indlela yena azibona ngayo izinto√√/Usebenzisa isivumelanisi somntu wokuqala u-ndi lonke ixesha.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.10 Iimeko ziyakwazi ukukuthatha zikubeke apho ungakhange ucinge ukuba ungaya khona√ kuba uMfazwe uvela elutshaba lombuso ngenxa yeentshukumo zakhe.√√ (3)

11.11 Imfundiso kukuba inkululeko izuzwa ngobunzima nembulaleko√ kuba kule noveli kufe abantu abanye benzakala kwidabi lokuzuza inkululeko√√/Ukuzinikela uzenze idini kunomvuzo√ kuba uMfazwe uye wanyamezela ubunzima kuba ezondelele inkululeko yabantu besizwe sakhe oko kwambeka kwindawo ephezulu.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
**[25]**

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubhrikhi ekwiphepha lama – 31 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**
Zonke iindidi zoncwadi lwemveli zinesakhiwo sazo sangaphandle esahlukileyo kudidi ngalunye. Isakhiwo sentsomi siyafana nesembali apho sahlulwa ngokwentshayelelo, isiqu kunye nesiphelo.Intsomi iphinde ibe nesinye isakhiwo apho kujongwa amanqanaba afana nomyalelo, ukutyeshelwa komyalelo, iziqhamo zokutyeshelwa komyalelo, usindiso kunye nokohlwaywa komngcungcuthekisi.Izibongo zomthonyama nazo zinesazo isakhiwo, indlela yokuvula, ukwakhiwa kwezitanza nendlela yokuphetha.

➢ **Isiqalo**

Kwintsomi kufumaneka isiqalo apho kubakho isivula ntsomi 'kwathi ke kaloku ngantsomi'. Le yindlela athi umbalisi ntsomi atsale ngayo umdla wabaphulaphuli batsho bathi nta iindlebe Kwisibongo kufumaneka isiqalo apho kubakho isivula sibongo A!Zilimbola. Le yindlela imbongi ethi icele ngayo inzolo kubaphulaphuli. Kwesi isibongo kuqalwe ngesikhahlelo kuba kubongwa inkosi.

➢ **Amanqanaba kwintsomi**

Entsomini kukho la manqanaba alandelayo:

Intshayelelo

- Kwintsomi kufumaneka intshayelelo apho kubakho isivula ntsomi 'kwathi ke kaloku ngantsomi'. Kulandelwa ngokuba saziswe ngabalinganiswa abaphambili umzekelo uNomaza noNozihlwele.Indawo apho liqhubeka khona ibali nayo iyavela, umzekelo indawo yomlambo ekufutshane nehlathi elishinyeneyo. Ingxaki nayo iyavezwa kwalapha kwintshayelelo, apho sibona khona uNomaza noNozihlwele beyalelwa ukuba baye kurhenqa ingca kwihlathi apho kuhlala khona isigebenga esinoburhalarhume.

Isiqu
- Kulapho kushukuxwa khona ingxaki, umbalisi uza nesiganeko esiza kuza notshintsho okanye isisombululo sengxaki. Kulapho uNomaza alibele khona irhenqe ze akwabikho mntu ufuna ukumkhapha.Isiganeko esize notshintsho kulapho abanjwa khona sisigebenga ze simlungiselele ukumtya. Xa aculayo uviwa ngamadoda elali ze athume isigebenga amanzi ngebhekile evuzayo.

Isiphelo

- Kulapho sijonga khona ukuba abalinganiswa bethu baphelele phi, umzekelo uNomaza wakhutshwa ngamadoda wasinda ze isigebenga sona satyiwa ziinyosi safa.

Esinye isakhiwo esifumaneko entsomini
Umyalelo

- Umlinganiswa uyalelwa ukuba enze okuthile ukuze angaziboni esengxakini, umzekelo uNomaza noNozihlwelwe bayalelwa ukuba bangahlali de kuhlwe ehlathini.

Ukutyeshelwa komyalelo
UNomaza wawutyeshela umyalelo ngokuthi alibale irhenqe yakhe, ze abuyele ehlathini sekuhlwile.

Kulandelwa ngokuba saziswe ngabalinganiswa abaphambili umzekelo uNomaza noNozihlwele.Indawo apho liqhubeka khona ibali nayo iyavela, umzekelo indawo yomlambo ekufutshane nehlathi elishinyeneyo. Ingxaki nayo iyavezwa kwalapha kwintshayelelo, apho sibona khona uNomaza noNozihlwele beyalelwa ukuba baye kurhenqa ingca kwihlathi apho kuhlala khona isigebenga esinoburhalarhume.

Iziqhamo zokutyeshelwa komyalelo

- Apha umlinganiswa ufumana iziqhamo zokutyeshela umyalelo ze angcungcuthekiswe, umzekelo uNomaza ubanjwa sisigebenga, uyangcungcutheka kuba uyoyika kwaye simthembisa ngokumtya. Isigebenga simenza ahambe ecula kwiindawo esihamba kuzo elambile esoyika kanjalo.

Usindiso

- Umlinganiswa apha uyasindiswa ukuze akwazi ukufunda isifundo ze kufunde nabanye, Umzekelo uNomaza usinda ngokusuka isigebenga simenze acule kwindawo enentselo ze liviwe ilizwi lakhe. Kwenziwa icebo lokuthuma isigebenga ngebhekile evuzayo ukuze singakhawulezi sibuye. UNomaza uyakhutshwa ze kufakwe iinyosi kuloo ngxowa yesigebenga.

Ukohlwaywa komngcungcuthekisi

- Umlinganiswa ongcungcuthekisa omnye uyohlwaywa, kwaye akadli ngokubuyela kubomi bakhe besiqhelo. Nalapha isigebenga sizivalela neengxowa yazo enethemba lokutya uNomaza kanti kufakwe iinyosi Isigebenga sityiwa ziinyosi de sife. Libe liyaphela ibali ngesivala ntsomi.
- Isibongo asicwangciswanga njengasentsomini koko imbongi isuka idanduluke ngenxa yoko ke izitanza nemiqolo azicwangciswanga, njengoko iimbongi zosiba zikholisa ukwenza njalo. Kwesi sibongo kujongwe isakhiwo sangaphandle kuphawuleka ukuba izitanza azilingani. Umzekelo isitanza sesine side kunezinye izitanza kuba imbongi igxilile kuluvo lokuba le nkosi ibongwayo asinkosi nje ngokuzalwa koko izixhobisile nangokunxonxothela imfundo kumaziko emfundo aphakamileyo. Oko kuthetha ukuthi ukungalingani kwezitanza kuxhomekeka kuluvo elugxininisayo imbongi.

➢ **Izitanza kwisibongo**

- Isibongo asicwangciswanga njengasentsomini koko imbongi isuka idanduluke ngenxa yoko ke izitanza nemiqolo azicwangciswanga, njengoko iimbongi zosiba zikholisa ukwenza njalo.
- Kwesi sibongo kujongwe isakhiwo sangaphandle kuphawuleka ukuba izitanza azilingani. Umzekelo isitanza sesine side kunezinye izitanza kuba imbongi igxilile kuluvo lokuba le nkosi ibongwayo asinkosi nje ngokuzalwa koko izixhobisile nangokunxonxothela imfundo kumaziko emfundo aphakamileyo. Oko kuthetha ukuthi ukungalingani kwezitanza kuxhomekeka kuluvo elugxininisayo imbongi.
- Kwakhona kwesi sibongo kukho ukungalingani kwemiqolo, umzekelo, kwisitanza sesine mibini imiqolo ebalasele ngokuba mide. Oko kukuthi umqolo woku-1 nowe-13. Apha kulapho imbongi igxininisa uluvo lokuba nangona imbongi ifunde yayityekeza izinto zemvelo nenkcubeko ayizilahlanga.

➢ **Isiphelo**

- Zombini iintsomi nezibongo zinendlela ethile eziphetha ngayo, umzekelo kwintsomi kaNomaza negongqongqo kuphethwe ngendlela ethi, Phela-phela ngantsomi ukubonisa ukuba umbalisi ugqibile.
- Kwisibongo A!Zilimbola imbongi iphetha ngokuphinda esa sikhahlelo ibiqale ngaso silandelwe ngu-Ncincilili ikwabonakalisa ukuba izimvo ebifuna ukuziphalaza ngale nkosi ziphelile okwakalokunje.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

13.1 Imbali imalunga nezinto ezakha zenzeka kudala zisenziwa ngabantu bokwenyani kanti intsomi libalana elingeyonyani elinabalinganiswa abazizilwanyana nabantu, kodwa lingumfuziselo wezinto ezenzekayo.√√ (2)

13.2 Kukunqula izinyanya ukuze zingabafulatheli, zibakhusele koko kwakuxelwa nguNxele esithi kuza kwenzeka.√√ (2)

13.3 'Ndinanto yam ithi yakugqumа kunkwantye yonke into, izithulule iintolo ezinokwenzakalisa.√√ (2)

13.4 Kukho inkolo yokuba wayebalekiswa ebantwini ukuze angabulawa.√ (1)

13.5 Wayeyindoda ekhohlisayo, kuba wakwazi ukukhohlisa abantu ngezinto ezingasoze zenzeke.√√ (2)

13.6 Ewe siyifanele kuba sichaza ngemvelaphi yaso nalapho kwalindwa kwancanywa kulindwe izinto uNxele awaprofetayo wathi ziza kwenzeka.√√ (2)

13.7 Batshintsha abantu kwangenelela abaMhlophe bathatha imihlaba baza baqesha abantu abaMnyama ukuba babasebenzele.√√ (2)

13.8 Abantu mabayeke ukukholelwa kuyo yonke into abayivayo.√√/
Lumkela ukuzithembisa ngento ongaqinisekanga ukuba iza kwenzeka.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

13.9 Kudidi lwesibongo esingezopolitiko√ kuba isibongo singoMandela olwele inkululeko yoMzantsi Afrika.√ (2)

13.10 Isivula-sibongo√/Uphinda-phindo lwamagama.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

13.11 Iyavuya,kuba imisebenzi yamaqhawe afana noMandela izise inkululeko.√√ (2)

13.12 Inkomo enotshobo ayinqandwa.√√ (2)

13.13 Ukungavumi√√/ukungamkeli√√/ukubhebhetha√√/ukuqhankqalaza.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.14 Iingoma zomzabalazo√/iingoma zoloyiso.√

(Nayiphi na kwezi) (1)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO)

## *BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama – 31 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**
Umbhali ubazoba ngokubanika iimpawu ezithile abalinganiswa ukuze badlale ngokukuko iindima ababele zona ebalini. UZwilakhe uzotywe wangumlinganiswa ofuna izinto zihambe ngendlela azibona ngayo. Oko kuvela kwiintetho nakwizenzo zakhe apha ebalini.

- Obu buZwilakhe bakhe bucaca kwincoko yakhe noMaGaba inkosikazi yakhe, 'Loo nto ndiza kuyimela, andikhathali nokuba umntu selesithini' … Ngokwale ncoko uZwilakhe uzibonakalisa ubunjani bakhe kwaye eyicacisa mhlophe into yokuba akukho mntu uya kumjika kwisigqibo sakhe sokubonela unyana wakhe onguGugulethu umfazi.
- Ngexesha ebize intlanganiso yooyisekazi uMthetho, uNyaniso noZweni ebachazela ngokuzeka kukaGugulethu, ubonakala engavisisani nabo kuba ufuna kwenzeke ngale ndlela abona ngayo yena.
- Mve xa athi, 'Uza kuxelelwa ndim intombi amakeze nayo kulo wakowethu umzi …' Le ntetho yakhe imveza njengomlinganiswa oneenkani.
- Uthi uGugulethu akuzama ukucela kuyise ukuzibonela intombi amakayitshate, amise ngesiko uZwilakhe, apho amxelela ngqo ukuba yena akazi kwaphula siko, oko ukulandelisa ngala mazwi athi, 'uthi akwaphuli siko – utsho ulikroboza … into ke leyo endingayingene'.
- UZwilakhe uyasimela isigqibo sakhe, mve ebethe ngenqindi phantsi ethetha nenkosikazi yakhe uMaGaba ebonakalisa ezi nkani zakhe nokungagungqi kwakhe kwisigqibo sakhe esithi, 'Hayi Rhadebe andizimisele kujika nokuba umntu selechasa ade alale ngomhlana phantsi. Ndiyayithetha le nto ndiyithethayo.'
- Uphinda uZwilakhe ambathise iinkani zakhe ngokusithela ngobukhulu nangesiko kuba esithi njengenkulu yamaHlubi kufuneka engumzekelo xa ebona ukuba abaninawa bakhe ooNyaniso nooMthetho bayalahleka kwaye batyeshela isiko, nguye ekufuneka aligcine lingapheli.
- Kangangeenkani anazo uZwilakhe, ujika nento awayeyithethile xa wayencokola noGugulethu ngokuthatha kwakhe umfazi esithi uGugulethu akangomntwana akazi kumfunza. UGugulethu xa emkhumbuza oko, uZwilakhe uphendula athi, 'Mawethu andikho kuyo yonke le njikeleza yokube ndixoxa. Ndithe umfana makazeke intombi kaMcothama. Ndigqibile.'
- Ezi nkani zakhe zivela naxa enga uyacenga kodwa ebanyanzela ooZweni, uNyaniso noMthetho ngesigqibo sakhe. Mve xa athi kubo 'Bhungane' akugqiba athi, 'Nditshilo nje nditshilo. Nantsiya intombi kaMcothama …' La mazwi awabonakalisi kucenga koko abonakalisa ukuba akazi kutshintsha kwisigqibo sakhe.
- UZwilakhe uzizoba njengomntu ongeloxoki, ongelo wexuwexu ungumntu ongagungqiyo kwinto ayithethileyo, nto leyo athi akazi kuyiqala ebudaleni, kodwa uGugulethu uyaphikisana naye ngelithi ulilo ixoki kuba wayethe kuye akantanga yakufunzwa kodwa ngoku ummele ngecephe emfunza.

- Akufika uMzamo asive isizathu sokuthi khunubembe komhlobo wakhe uzama ukungenelela ngelicebisa abazali bakaGugulethu ukuba bamvumele ukuba atshate intombi ayithandayo. UZwilakhe uba lugcwabevu ngumsindo embuza ukuba ebeze kuthini endlwini yakhe, atsho emlumkisa ngokumkhupha ngomva ukuba uphelelwe yimbeko. Inyani kuZwilakhe ijika ibe sisigezo kuba engafuni kuvuma ukuba isenzo sakhe sokunyanzela uGugulethu ngomfazi asilunganga. Atsho esithi yena akasoze aphathwe nguGugulethu akugqiba ukumzala. Yonke le ngxushu-ngxushu uyenza kuba ekhusela isigqibo sakhe sokubonela uGugulethu umfazi.
- Iinkani zikaZwilakhe zenza angakuboni ukubaluleka kothando kuba ngoku sele esiva ukuba uGugulethu unaye umntu ebesele emthembisile, uyigalela amanzi yonke loo nto ngelithi uyixokisile loo ntombi kwaye naye wazixokisa kuba ungxame wenza engavumisanga.
- Nangona ubunzulu bempendulo kaGugulethu ethi makubuzwe kuyise buboniwe nguZweni ngexesha aye kubiza uGugulethu, yena uZwilakhe uzivalile ezakhe iindlebe kuba esithi kakade bekungekho mfuneko yakumbiza kuba yena Zwilakhe ukhona umfana akafuneki nganto.
- Bakuzama ukumbonisa ubugwenxa besigqibo sakhe ooMthetho uphendula ngeenkani nangokuzithemba okukhulu ngelithi makuhanjwe ngobuyilo bakhe.
- Uthi akunqandwa nguZweni ngelithi into ayenzayo ngumkhuba, aphendule ngelithi inye into ayilindeleyo kubo kukumnqanda xa atyeshela isiko. Watsho eyigxininisa into yokuba makukhutshwe abantu bayokucela intombi kaMcothama kwaye akajiki kuleyo into.
- Iinkani zikaZwilakhe ziphinda zibonwe nanguMthetho emva kwamalinge abawenzileyo ukumcenga ukuba ajike kwisigqibo sakhe. Mve xa esithi, 'Sii! ineenkani iMfengu elapha. Uphinda asebenzise amazwi abonisa ukuncama mazwi athi, 'Madoda inkomo enotshobo ayinqandwa.Ukuba udonga lukekele kungcono luwe, mhlawumbi ngumsebenzi kaThixo wonke lowo.'
- Nangexesha umfundisi eqwalasela undonakele kwiimpendulo zikaGugulethu, uthi uZwilakhe umfundisi makaqhube angayinanzi le nto yenziwa nguGugulethu kuba umfana usuke wanendawo yokuthi phithi kwezi ntsuku. UZwilakhe akapheleli ekunyanzeleni uGugulethu yedwa ngomtshato angawufuniyo ngoku unyanzela nomfundisi ukuba aqhube umtshato awubonayo ukuba unengxaki.
- UZwilakhe akasaziva ziinkani, mve xa esithi kumfundisi, 'Mna ndimnyanzele ukuba enze le nto ifunwa ndim'. La mazwi abonisa ukuba nokuba kungamnyama entla uGugulethu uza kumtshata uThobeka intombi kaMcothama.
- Uyalitsolisa nakumfundisi elokuba akanakuzala umntwana aphinde amphathe, kwaye akajiki kwisigqibo sakhe akazokuphathwa ngumntwana amzalayo.
- Akubona uZwilakhe ukuba uGugulethu akasagoduki, uthumela uNyaniso nomthetho ukuba bayokumlanda, bakungabuyi naye ubetha ngenqindi phantsi esithi uGugulethu uza kumondla uThobeka ethanda engathandi.
- Ulandelisa umfazi nabantwana nalapho enqandwa ngooyisekazi, esi senzo sibonisa kwa ezi nkani zakhe.
- Nangona uNyaniso noMthetho bemkhalala bemshiya ngenxa yeenkani zakhe, akajiki umile kwisigqibo sokuthumela uThobeka nabantwana bakhe eMthatha.
- Iinkani zikaZwilakhe zibe neziqhamo ezibi, kuphela kulahleka imiphefumlo engenatyala, uThobeka nabantwana bakhe babulawa ngokugwintwa ngezembe nguGugulethu belele. UGugulethu ugwetywa intambo ngokubulala umfazi nabantwana bakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

15.1 UMaGaba uthi uThobeka ulilandele igama lakhe uthobekile kwaye ukhuthele√√/ ubufanele ubufazi zonke izinto azenzayo uzenza ngomzimba okhaphukhaphu√√/ UThobeka uthetha kamnandi nabantu√√/ Mhle uThobeka kwaye ufanelwe sisinxibo sakhe.

(Nayiphi na kwezi) (2)

15.2 Ungumlinganiswa olukuhlayo √ kuba nguye ojije ingqondo yomyeni wakhe ekufunelweni kukaGugulethu umfazi√√/ Ungumlinganiswa oligwala √ kuba uthe akubona ukuba uGugulethu uza kuxhonywa wazityisa ityhefu. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(3)

15.3 UNozipho uphuphe inyaka-nyaka yabantu abani-i-inzi, besenkundleni uGugulethu eza kuxhonywa.√√ (2)

15.4 Le ngxoxo isityhilela ukuba kuza kubakho impixano kule ncwadi.√√/Isityhilela ukuba uGugulethu usexabisweni lokuthatha umfazi.√√/Isityhilela uthando analo uMaGaba kuThobeka√√/ Isityhilela ukuba uGugulethu ngahle athathelwe uThobeka ngaphandle kwentando yakhe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

15 5 Likwinqanaba lengabula-zigcawu.√ Apha umbhali usivezela isizathu sempixano eza kuthi iqhubeke apha ebalini√√/ kunokozwa umba wokutshatiselwa/ ukubonelwa kukaGugulethu awuchasayo kwangoko uNozipho√√/ kwakhona kunokozwa ukuba lidala kweli siko nokuba amaxesha ngawokhanyo ngoku√√/ izithole/ ukuntshula kwempixano/ ubudala bukaGugulethu/ ukuba sexabisweni lokufuna umfazi kukaGugulethu.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

15.6 Achaza indawo eliqhubeka kuyo ibali.√ Anika umyalelo weqonga.√ Achaza intshukumo yabalinganiswa√ / kukho into evelayo emalunga neemeko abakuzo abalinganiswa√/ Anika ixesha lemini/ leveki/ nemini yokuqhubeka kwesiganeko√/ Anika iinkcukacha malunga nabalinganiswa abathabatha inxaxheba kulo mboniso.√

(Nasiphi na isithathu) (3)

15.7 Injongo yokusetyenziswa kwephephandaba kukubonisa ukukhawuleza kweendaba√√/ kukuhambisa iindaba ezingenamkhethe√√/Injongo yokusetyenziswa kwephephandaba kukuveza ukuba uGugulethu akanyanisekanga√√/Lisetyenziselwa ukuveza ukuba uGugulethu utshatile.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

15.8 Amazwi kaNomaMpondomise abonisa ukuzisola√ kuba wakhupha iinkomo zikaMcunukelwa enethemba lezikaGugulethu√/ Abonisa ukuba uziva eza kuba yintlekisa ebantwini.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

15.9 Imfundiso kwesi sicatshulwa yeyokuba ungalahli imbo yakho ngophoyiyana√ kuba uNomaMpondomise ulahla uMcunukelwa kuba enethemba lokutshata noGugulethu amthandayo√√/Imfundiso kwesi sicatshulwa yeyokuba ilizwi lomntu omdala alidliwa nja√ kuba uNoMampondomise uphethe ezisola ngokungamameli abazali bakhe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

15.10 Yintlekele√ kuba kubekho inyhikityha yokufa kwabalinganiswa.√√/ kuba inesiphelo esibi.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)
**[25]**

**UMBUZO 16 (UMBUZO OSINCOKO SONCWADI)**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama – 31 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezingongoma zilandelayo:**

Umbhali ubazoba ngokubanika iimpawu ezithile abalinganiswa ukuze badlale ngokukuko iindima ababele zona ebalini. UMamQhinebe uzotywe wangumlinganiswa ofuna izinto zihambe ngendlela azibona ngayo. Oko kuvela kwiintetho nakwizenzo zakhe apha ebalini.

- Mve xa ethetha nonyana wakhe uSiqhiwu ngendaba yokunyoba, 'Xa abanye abantu bewufumana umsebenzi ngokunyoba, yintoni enokubangela ukuba wena unganyobi?' UMamQhinebe uyimele into yokuba isisenzo esilungileyo into yokunyoba.
- UMamQhinebe usebenzisa iinkani zakhe ukurhwebela uMaGatyeni kwisenzo sokuba iintsana nangona esaziyo ukuba esi senzo asilunganga kuba ezi ntsana ziyabulawa.
- Uza neqhinga lobutyebi ukuzama ukutsala umdla kaMaGatyeni emtsalela kwesi senzo, ze athi uMaGatyeni akuzama ukumbonisa ubungozi balo msebenzi amise ngemali eninzi abaza kuyenza.
- Uthi akukhunjuzwa nguMaGatyeni ukuba bangoomama bebhatyi, aqhankqalaze emxelela ukuba bakukhuthuka amadolo bethandaza, yena uluphumo kuloo nto yaloo bhatyi ingazi kumzisela mali.

- Uphelelwa lukholo ngenxa yesigqibo asithathileyo angafuni kujika kuso. Mve xa ade abuze kuMaGatyeni ukuba unangqiniseko ni na ukuba izulu likhona.
- Koku kungafuni kujika kwakhe kwisigqibo sokuba iintsana, ude agrogrise uMaGatyeni xa ambona ukuba uyathingaza ukuba yinxalenye yesi senzo ngelithi makabuyise zonke izinto ebekade emnceda ngazo.
- UMamQhinebe uthi sele elunyukiswa nguMaGatyeni ngesi senzo sabo abaza kungena kuso, ankanize ngelithi soze babanjwe kuba yena ulungisiwe nguMagrazula elungiselelwa kanye eso senzo.
- Iinkani zakhe ziphinda zibonakale xa ebuyela kuSiqhiwu malunga nokumbhatalela imali yokunyoba. Uthi akubona ukuba uSiqhiwu akayingene loo nto, aphele embiza ngegama lobuhulu-hulu.
- Uthi lo mkhuba sowudume nasemaphepheni, uMamQhinebe aphikelele ekubeni baqhubeke nomsebenzi wabo wokuba iintsana. Uyabubona ubungozi bemeko abazifake kuyo kodwa into ephambili kuye yimali abaza kuyifunama ngezi ntsana.
- Kwezi nkani zakhe unaso nesisombululo sokuba baza kuthi bahamba eMzamba xa bebuzwa ngabantwana babo ngokumana belahleka ngobusuku.
- UMaGatyeni uthi esoyika esitishini kuba ebona amapolisa, uMamQhinebe azame ukuluphelisa olo valo lwakhe, esamisa ngoMagrazula amthembe kunene, kwaye emqinisekisa ukuba abasokuze babanjwe ngamapolisa.
- Bathi bakumiswa ngamapolisa angabonakalisi mothuko uMamQhinebe, nto nje azame ukuzikhupha kule ngxaki kwangezi nkani zakhe ngokumela into yokuba usana alubelekileyo luyawuthanda umqolo, kungoko kunzima ukuba alothule.
- Akubona ukuba isenzo sabo sidulile, endaweni yokuvuma isono sakhe uMamQhinebe ubopha elinye iqhinga ngokusulela ityala kuMaGatyeni, ngelithi nguye othathe umntwana.
- Iinkani zikaMamQhinebe aziphelelanga ekufakeni yena kuphela enkathazweni kodwa ziye zachaphazela uMaGatyeni obezihlalele, eziphilela ngokungqiba.
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 17(UMBUZO OMFUTSHANE)**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

17.1 Achaza indawo eliqhubeka kuyo ibali.√ Anika umyalelo weqonga.√ Achaza intshukumo yabalinganiswa.√ / kukho into evelayo emalunga neemeko abakuzo abalinganiswa√/ Anika ixesha lemini/ leveki/ nemini yokuqhubeka kwesiganeko√/ Anika iinkcukacha malunga nabalinganiswa abathabatha inxaxheba kulo mboniso.√

(Nasiphi na isithathu) (3)

17.2 Ishishini likaMagrazula aliqhubi kakuhle ngenxa yamapolisa abaphethele imbengwana.√√ (2)

17.3 Kukuloba ooMamQhinebe abaqeqeshele umsebenzi wokuba iintsana√√/ Usebenzise umzi ohlelelekileyo wazenza umfundisi kwaMamQhinebe wamfaka kweli shishini esithi umkhupha entluphekweni.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

17.4 UMagrazula uzotywe wangumlinganiswa ongcolileyo√ kuba nguye ophembelela isenzo sokubulawa kwabantu neentsana√√/ Uzotywe wangumlinganiswa okrelekrele√ kuba lo msebenzi akawenzi ngokwakhe. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

17.5 Le ngxoxo isityhilela ngokuqhuba kakubi kweshishini likaMagrazula nendlela abanokulibuyisela ngalo ekuqhubeni kakuhle.√√ (2)

17.6 Likwingabula-zigcawu.√ Eli nqanaba kulapho umbhali asivezela khona izithole zempixano√√/ Apha umbhali usivezela isizathu sempixano eza kuthi iqhubeke apha ebalini.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

17.7 Injongo kukutsalela uMaGatyeni kumkhuba wokuba iintsana ngelithi baza kuphuma endlaleni√√ (2)

17.8 La magama abonisa ukungoneliseki yindlela aphila ngayo.√√ (2)

17.9 Imfundiso kwesi sicatshulwa sedrama kukuba intlupheko ingakukhokelela ekwenzeni izinto ezingalunganga√ kuba uMamQhinebe ungena emgibeni afakwa kuwo nguDlezinye wokuba iintsana aze ahlawulwe ngenxa yokufuna imali ukuze ahlukane nendlala√√/Ukungabi namqolo kukufaka engxakini√ kuba uMaGatyeni uthi sele elandula ukungena kwiyelenqe lokuba iintsana athi akugrogriswa nguMamQhinebe emxelela nangenzuzo abaza kuyifumana, avume ze aphele ebanjwa√ / Bakho abantu abahlalele ukusebenzisa imeko yentlupheko yabanye ngeenjongo ezimdaka.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

17.10 Yintlekele-siyoliso√/ Yintlekele√ kuba kubekho inyhikityha yokufa kwabantu neentsana√√ / kuba abenzi bobubi baphela bebanjwa√√/ kuba noxa bekukho ukungazinzi kweli cala likaMaqhikizane kukubi abantu bethwaxwa yindlala uthe akubanjwa uMaqhikizane batsho bafumana imisebenzi.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

## 6.1 ISIHLOMELO A: IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubrikhi yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo 5-6 | Esemagqabini neqaqambileyo 4 | Eyanelisayo nefanelekileyo 3 | Eyinxalenye 2 | Engaphumelelanga 0-1 |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | | | | | |
| Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu.<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo.<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe. | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle.<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe. | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo.<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko.<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe. | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko.<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe.<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlela yokubhala. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala isincoko<br><br>**4 AMANQAKU** | **4**<br>-Isakhiwo siyathungelana.<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile.<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. | **3**<br>-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala. | **2**<br>-Bukho ubungqina besakhiwo.<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo.<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. | **1**<br>-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko.<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. | **0-1**<br>-Isakhiwo sife amanqe.<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga. |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe u-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI-INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4-5** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile. 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo. 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6-7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu. | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga.<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle.<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.<br>-Imihlathi ineziphene. | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo.<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka. |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–19** | **10–14** | **5–9** | **0–4** |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.